Isifundo 13

**Matshi 23–29*

“Zonke Izinto Ndizenza Ntsha”

Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
IsiTy. 19:6–19; Yohane 14:1–3; 2 Tes. 1:8–10; IsiTy. 21:1–21; Yer. 4:23–26; 1 Kor. 6:2, 3.

Indima Yenkumbulo:
“Waza lowo uhleli phezu kwetrone wathi, Uyabona, izinto zonke ndizenza ntsha. Athi kum, Bhala; ngokuba lawo ngamazwi ayinyaniso, athembekileyo” (IsiTyhilelo 21:5).

Ukutshatyalaliswa kweBhabheli yexesha lokuphela ziindaba ezimbi kwabo basebenzisana nolu hlelo lwenkolo lukreqileyo. Kubantu bakaThixo, phofu, ziindaba ezilungileyo (IsiTy. 19:1–7). IBhabheli yayinobutyala bokuwexula amagunya opolitiko ukuba abatshutshise abonakalise (IsiTy. 18:24). Ukutshatyalaliswa kwalo mchasi mkhulu kuthetha ukuhlangulwa nokusindiswa. Ngokutshatyalaliswa kweBhabheli, umthandazo wabantu bakaThixo, kumboniso wetywina lesihlanu, ekugqibeleni uphendulwe. Isikhalo sabo: “Koda kube nini, Nkosi?” umele isikhalo sabantu bakaThixo abacinezelweyo nabaphethwe kakubi ukususela kuAbheli kuse kwixesha xa uThixo aya kuthi ekugqibeleni abaphindezele abantu baKhe (Ndumiso 79:5; Hab. 1:2; Dan. 12:6, 7). Incwadi yesiTyhilelo iyabaqinisekisa abantu bakaThixo ukuba ububi, ingcinezelo, nokubulaleka kuya kufikelela ekupheleni.

Ngoku lixesha lokuba uKristu angenise ubukumkani baKhe obungunaphakade. Izahluko eziseleyo zesiTyhielo zichaza, kungekuphela ukutshatyalaliswa kweBhabheli yexesha lokuphela, kodwa nokutshatyalaliswa kukaSathana nabo bonke ububi. Sibona nje kancinane ukumiselwa kobukumkani bukaThixo obungunaphakade.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaMatshi 30.*

IsiDlo Somtshato WeMvana

Funda: IsiTyhilelo 19:6–9 kunye noYohane 14:1–3. Ingaba umtshato ulubonisa ngokufaneleyo kangakanani umanyano ekukade lulindelwe phakathi kukaKristu nabantu baKhe?

Kwezi ndima, iNkosi isebenzisa imifanekiselo yemitshato yakwaYuda yakudala ukusifundisa inyaniso. Lowo wayejonge ukuba ngumyeni wayesakuya endlwini yowayeza kuba ngumtshakazi ukuya kumngeja. Kwakuba kuhlawulwe ikhazi, isibini sasithatyathwa njengabatshatileyo, kodwa bengekabi nakuhlala kunye. Umyeni wayebuyela kuyise kokwabo ukuya kulungisa indawo yabo. Umtshakazi wayesala endlwini kayise ukuba azilungise. Kwakusithi kwakugqitywa ukulungiswa, umyeni wayebuya aze kuthabatha umtshakazi wakhe amse endlwini kayise, apho umtshato wawuqhutyelwa khona. Kumawaka amabini eminyaka eyadlulayo, uKristu washiya ikhaya laKhe lasemazulwini ukuze azokungeja umtshakazi waKhe emhlabeni. Emva kokuhlawula ikhazi ngobomi baKhe, eKalvari, wabuyela endlwini kaYise ukuya "kulungisa indawo" yomtshakazi waKhe (bona Yohane 14:2, 3) lo gama umtshakazi esele emhlabeni ezilungisa. Ekupheleni kwexesha, uya kubuya uKristu ukuza kumthabathela endlwini kaYise.

IsiTyhilelo 19:8 sixela ukuba ilinen entle necocekileyo yanikwa umtshakazi nguKristu. Oku kubonisa ukuba abantu bakaThixo abanabango nokuhle kwezenzo zabo. Iingubo ezinde zabantu bakaThixo zimele "imisebenzi elungileyo yabangcwele," imisebenzi eyabakho isisiphumo sokumanyana kwabo noKristu, ophila ngaphakathi kwabo. Ezi ngubo zinde zihlanjwe egazini leMvana (IsiTy. 7:14). Ngexesha wayesemhlabeni, uYesu wenza umzekeliso ngomtshato. Sekunjalo, omnye kubamenywa wakhetha ukunxiba esakhe isinxibo endaweni yengubo yomtshato eyayinikwa ngukumkani, waza wagxothwa emtshatweni (Mat. 22:8–14). IsiTyhilelo 3:18 sibonisa ukuba ingubo ende enikwa nguKristu yeyonanto idingwa kakhulu ngabantu bakaThixo abaphila kwixesha lokuphela. Isipho sikaYesu kubantu baseLawodike sokuba "bathenge" kuYe le ngubo inde sibonisa ukuba ufuna into yokwananisa oko abanika kona. Sincama ukwaneliseka nokuzithemba kwethu sinikise ngako ukuze samkele ubomi bokuthobela ngokuthembekileyo kuKristu nokuthembela kokuhle kwaKhe njengethemba lethu losindiso elikuphela kwalo.

Asisindiswa ngamisebenzi yethu emihle, kodwa zeziphi "izenzo ezilungileyo" ozenzayo ezinganceda ukuba uchaze uhlobo lobomi obuphilayo?

IArmagedon Iyaphela

Funda: IsiTyhilelo 19:11–16. Igama likaKristu lokuba "LiLizwi likaThixo" (IsiTy. 19:13), nento yokuba ikrele liphuma emlonyeni waKhe, zithetha ntoni ngendalo yedabi lokugqibela?

Oku sikubonayo apha kukuchazwa kokubuya kwesibini kukaKristu, ukuzaliseka kwesithembiso abakholwayo kuzo zonke izizukulwana ababekhangele kuso. Phawula intetho: Konke kululoyiso. UYesu wamoyisa uSathana ezulwini; wamoyisa uSathana entlango; wamoyisa emnqamlezweni; kwaye uza kumoyisa ekubuyeni kwaKhe. "Kuvela ngequbuliso ngasempuma ilifu elincinane elimnyama, libonakala lingangesiqingatha sesandla somntu. Lilifu elijikeleze uMsindisi nelibonakala xa likude ngokungathi ligutyengelwe bubumnyama. Abantu bakaThixo bayazi ukuba lo mqondiso woNyana woMntu. Ngenzolo enesithozela, bayaliqwalasela njengoko liya lisondela ngokusondela kufuphi emhlabeni, liya likhanya ngokukhanya liya liqaqamba ngakumbi, lide libe lilifu elikhulu elimhlophe, kwindawo yangaphantsi linobuqaqawuli obunje ngomlilo odlayo, ngaphezulu linomnyama womnqophiso. UYesu uza ekhwele kulo [eli lifu] engumoyisi onamandla. Engaseyiyo ngoku "indoda enomvandedwa," eza kusela indebe ekrakra yehlazo nentlungu, uza engumoyisi ezulwini nasemhlabeni, ukuze agwebe abahleliyo nabafileyo. "NguThembekile, nguNyaniso, . . . ugweba, enze imfazwe, ngobulungisa." "Imikhosi [ya] semazulwini" (IsiTyhilelo 19:11, 14) iyamlandela. Ngoncuthu lweengoma zasezulwini, iingelosi ezingcwele, isihlwele esikhulu esingenakubalwa, zimkhaphile endleleni yaKhe. Isibhakabhaka sikhangeleka sizele ziziqu zokukhanya—"izigidi zezigidi." Alukho usiba lomntu olunokuwuzoba lo mbono; ingekho nengqondo enokufikelela ekubuqondeni ubuhle bawo."—Ellen G. White, *Imbambano Enkulu, i*ph. 641. Ku-2 Tesalonika 1:8–10, uPawulos unika omnye umzobo woloyiso lokugqibela lukaKristu, ekuBuyeni kwesiBini, xa onke amagunya elizwe nawenkolo, awathengisa ngaYe, etshatyalaliswa, baze abantu baKhe bahlangulelwe wonke unaphakade.

IsiTyhilelo 19 sichaza izidlo ezibini, esinye kwindima 9 nesinye kwiindima 17, 18. Kwesinye isidlo uyatya, kwesinye uyatyiwa. Kunzima ukuwuqikelela umahluko omkhulu ngolo hlobo phakathi koko kusengozini kwimbambano yonke kubantu bonke. Umele ukusifundisa ntoni lo mfanekiselo ngokuba sidinga ukuluthabatha ngondileko olunjani ukholo lwethu noko sikuthunyiweyo okufuna ukuba ngokholo lwethu sithabathe inxaxheba kuko?

Iwaka Leminyaka

Funda: IsiTyhilelo 20:1–3 kunye noYeremiya 4:23–26. Ngexesha leminyaka eliwaka, ithini imeko yomhlaba? Ukhonkxwe njani uSathana ngamatyathanga?

Iminyaka eliwaka iqala ngokubuya kukaKristu. Ngeli xesha, uSathana neengelosi zakhe eziwileyo babotshelelwe. Ukubotshelelwa kukaSathana kungumfuziselo, kuba izidalwa ezingumoya azikwazi ukuqanyangelwa. USathana uqanyangelwe ziimeko. Izibetho ziwenze wayinkangala engenabantu umhlaba, ziwenze waba kwimeko yasenyanyeni ngokufana nomhlaba wangaphambi kwendalo (Gen. 1:2). Kwimeko enjalo, umhlaba usebenza njengentolongo kaSatahana ngexesha leminyaka eliwaka. Ngenxa yokuba bengekho abantu bokulingwa nokwenzakaliswa, konke uSathana namahlakani akhe angoomoya abangcolileyo abanokwenza kukucinga ngeziphumo zovukelo lwabo ngakuThixo.

Funda: IsiTyhilelo 20:4–15. Baphi abangcwele ngeli xesha lewaka leminyaka?

IsiTyhilelo sibonisa ukuba abantu bakaThixo baya kuchitha iwaka leminyaka kwiindawo zasezulwini abazilungiselelwe nguKristu. UYohane ubabona behleli phezu kweetrone bangookumkani nababingeleli, begweba ihlabathi. UYesu wathembisa abafundi ngelithi, "Niya kuhlala nani phezu kweetrone ezilishumi elinambini, nigweba ezizweni ezilishumi elinazibini zakwaSirayeli (Mat. 19:28). UPawulos watsho ukuthi abangcwele babeya kugweba ihlabathi (1 Kor. 6:2, 3). Lo mgwebo unento yokwenza nokulunga kwezenzo zikaThixo. Kuyo yonke imbali uSathana uvuse iintandabuzo ngokubhekiselele kwabo babelahliwe, kwanemibuzo enento yokwenza nempatho yaKhe kobakho ubomi. Ekupheleni kweminyaka eliwaka, yonke imibuzo engobulungisa bukaThixo iya kuba igqitywe ngonaphakade. Abantu bakaThixo baya kwazi ukubona ngaphaya kwethunzi lentandabuzo ukuba izityholo zikaSathana zazingenasiseko. Ngoku balungele ukubona ukwenziwa kobulungisa bukaThixo emgwebeni wokugqibela.

Ngubani phakathi kwethu ongenayo imibuzo, enzima yona imibuzo, ekubonakala okwangoku ingathi ayinazo iimpendulo? Isixelela ntoni le nto ngesimilo sikaThixo sokuba, ngenye imini, uya kusinika iimpendulo?

“Izulu Elitsha Nomhlaba Omtsha”

Emva kokugutyulwa kwesono, umhlaba uya kwenziwa ngakumbi ube likhaya labahlanguliweyo. Uya kuba njani? KwisiTyhilelo 21:1, uYohane wabona “izulu elitsha nomhlaba omtsha.” Abantu bakwaYuda babesazi amazulu amathathu: “isibhakabhaka, iyunivesi eneenkwenkwezi, kunye nendawo apho uThixo ahlala khona (bona u-2 Kor. 12:2). KwisiTyhilelo 21:1, isibhakabhaka somhlaba siyabonakala. Umhlaba ongcolisiweyo nesibhakabhaka azinako ukubunyamezela ubukho bukaThixo (IsiTy. 20:11). Igama lobu“tsha” esiGrikeni (kainos) libhekisa kwinto entsha ngokwexabiso, kungengamvelo nexesha. Le planeti iya kuhlanjululwa ngomlilo ibuyiselwe kwimo yayo yasekuqaleni (2 Pet. 3:10–13). Eyona nto inika umdla ngokukodwa, yile yokuba, into yokuqala ayiqaphelayo uYohane yeyokuba alukho ulwandle. Into yokuba uYohane aqinisekise ukungabikho kolwandle ibonisa ukuba unokuba engqondweni wayenolwandle olwalumjikelezile ePatimo, nolwasuka lwaba ngumfuziselo wokulahlwa nokubulaleka. Ukungabikho kolwandle kumhlaba omtsha kuye kwakuthetha ukungabikho kwentlungu nokubulaleka.

Funda: IsiTyhilelo 21:2–8 no-7:15–17. Zeziphi izinto ezihambelanayo kwinkcazo yomhlaba omtsha neGadi yase-eEden kuGenesis 2?

Ubomi obungenakubulaleka nokufa kumhlaba omtsha kuqinisekiswe bubukho bukaThixo phakathi kwabantu baKhe. Obu bukho bubonakalaliswe kwiYerusalem eNtsha, “umnquba kaThixo” (IsiTy. 21:3), apho uThixo aya kuhlala phakathi kwabantu baKhe. Ubukho bukaThixo benza ubomi kumhlaba obuyiselweyo bufane netempile. Ubukho bukaThixo buqinisekisa inkululeko ekubulalekeni: akukho zinyembezi, kufa, lusizi, kukhala, okanye iintlungu, zonke iziziphumo zesono. Ngokugutyulwa kwesono, “izinto zokuqala zidlule” (IsiTy. 21:4). Le ngcamango yabekwa kakukhle nguMariya noMarta, kwakuba kufe umnakwabo uLazaro: “Nkosi, ukuba ubulapha, umnakwethu ange engafanga” (Yohane 11:21). Aba dade babesazai ukuba ukufa akukwazi ukubakho xa uKristu ekhona. Ngaloo ndlela kanye, ukuhlala ekho uThixo emhlabeni omtsha kuya kuqinisela inkululeko kwintlungu nokubulaleka okungamava ethu ngoku kobu bomi. Lithemba elikhulu eli esilinikwe nguKristu, ithemba elatywinwa egazini laKhe.

Kungani ukuba esi sithembiso sokubakho ngokutsha kwilizwe elitsha sibe sembindini kangaka kuko konke esikukholelwayo? Ibiya kuba yintoni elungileyo ngokholo lwethu ngaphandle kwaso?

IYerusalem eNtsha

UYohane ngoku uchaza iYerusalem eNtsha, umzi oyintloko yomhlaba omtsha. Nangona iyindawo yenene emiwe ngabantu benene, iYerusalem eNtsha nobomi bayo bungaphaya kwenkcazo yasemhlabeni (bona u1 Kor. 2:9).

Funda: IsiTyhilelo 21:9–21. Zinjani iimpawu zangaphandle zeYerusalem entsha?

IYerusalem eNtsha kuthiwe ingumtshakazi, umfazi weMvana. KwisiTyhilelo 19:7, 8 lo mzekeliso ubhekisa kubantu bakaThixo. IYerusalem eNtsha yindawo apho uKristu, ekugqibeleni, aya kumanywa khona nabantu baKhe. Umzi ujikelezwe ludonga oluphakamileyo olunamasango ali-12—mathathu kwicala ngalinye –ukwenzela ukuba kungenwe nokuba kuvelwa kweliphi icala. Oku kwalatha ukuba kokukazwelonke ukufikelela kwiYerusalem eNtsha, wonke ubani unokufikelela kungekho sithintelo phambi kobuso bukaThixo. Umzi uphinda uboniswe njengendlu engenazo iikona, enokulingana ubude, ububanzi, ukuphakama, kangangama-12 000 ezilinganiso, okanye iistadiya, ubude, ububanzi, nokuphakama. Le ndlu imacala ama-6 alinganayo inamangqameko ali-12. Ngoko ke, isixeko, nguMzi neestadiya ezili-144 000, inani elifuzisele intlanganisela yabantu bakaThixo abasindiswe kuzo zonke izizukulwana (IsiTy. 7:4). Etempileni yeTestamente eNdala, iNgcwele kangcwele yayikyubhu (cube) egqibeleleyo (1 Kumkani 6:20). IYerusalem eNtsha isebenza, kungekuphela ukuba yitempile, kodwa nokuba yiNgcwele kangcwele. Etempileni yasemhlabeni, yayingumbingeleli omkhulu kuphela owayekwazi ukungena eNgcweleni kangcwele. KwiYerusalem eNtsha, eli lilungelo elinikwa bonke abahlangulweyo.

Funda: IsiTyhilelo 21:21–22:5. Ubuhle bomzi bangaphakathi bukukhumbuza ntoni ngeGadi yase-Eden? Ibaluleke ngantoni intetho yokuba akuyi kubakho siqalekiso emzini? (IsiTy. 22:3)?

Olona luphawu lweYerusalem eNtsha olugqame kakhulu ngumlambo wamanzi obomi ampompoza ephuma kwitrone kaThixo (bona Gen. 2:10). Ngokungafaniyo nomlambo waseBhabheli, apho abantu bakaThixo bahlala bengabathinjwa belangazelela iYerusalem (Ndumiso 137), kwindonga zomlambo wobomi kwiYerusalem entsha, abantu bakaThixo ababekade bezula, bazo zonke izizukulwana bafumene ikhaya labo. Kumacala omabini omlambo, kukho umthi wobomi omagqabi awo "engawokuphilisa iintlanga" (IsiTy. 22:2). Oku kuphilisa akubhekisi kwisifo, njengoko kwiYerusalem eNtsha kungayi kubakho sifo. Kubhekisa ekuphilisweni kwamanxeba abangwa yimiqobo eyabahlula phakathi abantu kuyo yonke imbali. Abahlangulweyo bazo zonke izizululwana nabaphuma kuzo zonke izizwe ngoku bangabosapho olunye lukaThixo.

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "Ukuphanziswa Komhlaba," amaph. 653–661; "Imbambano Iphelile," amaph. 662–678, ku-*Imbambano Enkulu*. Incwadi yesiTyhilelo iphela ngoko bekuveziwe ekuqaleni: ukubuya kwesibini kukaKristu esemandleni nasebuqaqawulini nokumiselwa kobukumkani bukaThixo obungunaphakade. Ukubuya kukaKristu, xa eya kuthi ekugqibeleni amanywe nomtshakazi waKhe, yingongoma esencotsheni encwadini. Phofu ke, incwadi ayifuni ukuzibeka ezi ziganeko kwindawo engeyiyo inyaniso epheleleyo. Into yokuba uYesu uyeza kamsinyane yinyaniso yokuqala. Eyesibini inyaniso yeyokuba sisakulindele ukubuya kwaKhe. Ngeli xesha silindileyo, kufuneka sibe nokuziqonda ngokucacileyo izigidimi zesiTyhilelo, kwaye oku singanako ngokuziphindaphinda ukuzifunda kude kufike isiphelo sazo zonke izinto. Izigidimi zencwadi yesiTyhilelo zisikhumbuza rhoqo, lo gama silindileyo, ukuba singakhangeli kwizinto zomhlaba, kodwa similisele amehlo ethu kuLowo ekuphela kwaKhe ithemba lethu. UKristu wesiTyhilelo uyimpendulo kuwo onke amathemba nolangazelelo loluntu phakathi kobubi nokungaqiniseki kobomi. Ikamva lalo mhlaba kwakunye nelethu lisezandleni zaKhe. Le ncwadi ikwasikhumbuza ukuba, phambi kokuba kufike isiphelo, sithwaliswe uxanduva lokuvakalisa isigidimi sokubuya kwaKhe okukhawulezileyo ukuza kulo mhlaba. Ukulindela kwethu ukubuya kwaKhe akulelanga, kodwa kuyasebenza. Kokubini, uMoya nebandla, bayabiza: "Yiza!" (IsiTy. 22:17). Kufuneka sizimanye nolo bizo. Ziindaba ezilungileyo, ngenxa yoko kufuneka zivakaliswe ebantwini emhlabeni wonke.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Cingani ngewaka leminyaka nogwebo olwenzeka kanye emva kwewaka leminyaka. Kusifundisa ntoni oku ngoThixo, ukuba kuthi kanye emva kokuba abasindisiweyo babe newaka leminyaka ukuba iphendulwe yonke imibuzo yabo, andule uThixo ukuzisa isohlwayo sokugqibela kwabo balahlekileyo?

2. IsiTyhilelo 1:3 sithembisa iintsikelelo kwabo bawaphulaphulayo, bawafunde, bawathobele, baze bawagcine amazwi eziprofeto zesiTyhilelo. Xa sisiphetha isifundo sale ncwadi, ziintoni enizizuzileyo enidinga ukuzithobela nizigcine?